

UKulani noRisuna babengabahlobo. Babengoontanga bezakwenza itheko lokubhiyozela usuku lwabo lokuzalwa.

“Ndingxamele ukuvula izipho zam xa ndifika ekhaya,” utshilo uKulani.

“Nam ngokunjalo!” Waphendula uRisuna.



Ngosuku olulandelayo uKulani noRisuna bedlala kunye, wabuza uKulani, “umama notata wakho bakuthengele ntoni ngosuku lwako lokuzalwa?”



“Bandithengele ibhayisekile yeyona nto bendiyifuna. Wena ufumene ntoni?” wabuza uRisuna.



“Bandithengele i*shibhelani*,” waphendula uKulani.

“I*shibhelani?* I*shibhelani* yeyabantu abadala hayi abantwana!” Utshilo uRisuna.



“Nabantwana bayaxhentsa nje. Umama uthi kufuneka sikhule siwenza umxhentso we*shibhelani*,”utshilo uKulani.

URisuna wahleka wahamba.



Ngosuku lwamagugu nenkcubeko yoluntu, abantwana bafika kwiholo yasekuhlaleni bembejembeje. `

URisuna wayekhathazekile kuba yena wayenganxibanga shibhelani ngaloo mini.



URisuna wabona uKulani.

“Intle i*shibhelani* yakho. Ndilusizi kuba ndingenayo mna,” utshilo uRisuna.



“Ndifuna ukugoduka,” utshilo uRisuna kalusizi.

“Yima sukuhamba Risuna. Yiza undibukele xa ndixhentsa”



URisuna wabukela uKulani ngokuzingca exhentsa kamnandi enxibe i*shibhelani* yakhe.

UKulani ufumene iwonga lokuba ngoyena unxibe kakuhle!




UKulani wamkela ibhaso lamaso omqala.
UKulani noRisuna bagoduka kunye.



“Ndiyazi ndiza kucela ntoni ngosuku lwam lokuzalwa olulandelayo!” utshilo uRusina.

“I*shibhelani!*” utshilo uKulani encumile. “Sizakutsho sikwazi ukuxhentsa kunye.”